Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

MEYI 2017

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

I-GANSBAAI IZA KUZUZA KWIZIGIDI EZI-R8,4 ZOPHUCULO LOBONELELO NGAMANZI

Uphuculo lobonelelo ngamanzi eGansbaai olulindelwe ngamehlo abomvu luqalile kwaye ukuba izinto zihamba ngokwezicwangciso le projekthi izakugqitywa phakathi kuJuni walo nyaka.

Izigaba ezibini zokuqala zale projekthi zagqitywa ngowama-2010 nangowama-2015 ngokulandelelana.

Ukwakhiwa kwesigaba sokugqibela kuquka imibhobho ye-PVCO ezi-2 km ebukhulu bungama-355 mm eya kwidama elikhulu eliseGansbaai.

Uphuculo lombhobho wobonelelo ngamanzi oluhamba ngokwezigaba olusuka kwiZiko loNyango-manzi eFranskraal lusiya kwidama elikhulu laseGansbaai luyimfuneko ukuqinisekisa ukuba amanzi aneleyo acociweyo aya eGansbaai ukubonelela ngamanzi inani labantu elikhulayo.

Umbhobho uza kuhamba ngendlela ohamba ngayo lo ukhoyo udlule kwiindawo ezingaphuhliswanga ukususuka kwindlela uR43 udlule kwisiza sokulahla inkunkuma saseGansbaai uye kwidama lamanzi elikhulu.

Inxalenye yombhobho wamanzi okwisitrato iBuitenkant nayo iza kuphuculwa njengengxalenye yeprojekthi. Ukuphazamiseka kokuhamba kwezithuthi nobonelelo ngamanzi kule ndawo kuza kucuthwa kakhulu.

Isaziso malunga nokuphazamiseka kwamanzi okucetywayo siza kukhutshwa ubuncinane iiyure ezingama-48 phambi kokuvalwa kweevalvu ezichaphazelekayo. (Ummeli wenjineli ekwisiza ingafonelwa ku-082 925 2258 kubuzwe kuyo nantoni na.)

Qaphela:

- Idama iKraaibosch libonelela ngamanzi umamandla waseGansbaai ngokubanzi kuquka iGansbaai, iKleinbaai, iFranskraal neUilenkraalsmond. Amanzi anyangwa ngokwaneleyo kwiZiko lokuCocwa kwaManzi eFranskraal.
- Ubonelelo ngamanzi lukaMasipala waseOverstrand avela kwidama iKraaibosch lusanele ukujongana neemfuno zamanzi zale minyaka izayo ili-10 ukuya kweli-15. Kukwangokunjalo nakumandla eZiko lococo-manzi laseFranskraal. Nalo likwazanele limfuno eziqikelelwayo zexesha elizayo.

AWUNANXIBELELWANO NOGUTYULO-LINDLE?

Abaninimizi abane-septic tanks abaNGAKWAZIYO ukunxibelelana nobuxhakaxhaka bogutyulo-lindle bangenza isicelo sokuguqulwa kweentlawulo zabo ukususela ukuqala konyaka-mali waseOverstrand (1 Julayi) phambi kowama-30 Septemba; okanye kusakuba kho inguqu kwimeko yokuhlala kwiprpathi.

Okokuqala:

Ungahlawula intlawulo esisiseko engama-R78,65 nentlawulo yobuxhakaxhaka ezii-R10,94 kuphela ngenyanga, wazi ke ukuba qho xa inqwelo yokufunxa lfuniwe intlawulo iza kuba ngama-R537,09 nge-6kℓ nganye okanye ngenxalenye yayo (ngexesha lomsebenzi, okkt. ngeentsuku zeveki phambi kweye-15:00) okanye i-R1074,18nge-6kℓnganyeokanyengenxalenyeyayo(emvakweeyure zomsebenzi) ngokufunxa.

Okwesibini:

Ungahlawula intlawulo esisiseko eli-R116,74 wongeze i-R13,14 nge-kℓ nganye yamanzi asetyenzisiweyo ngenyanga, isekelwe kuma-35 kℓ ngenyanga (70% of 50 kℓ), kudityaniswe nentlawulo yobuxhakaxhaka eli-R10,94 ngenyanga eza kwenza ukuba ube nelungelo lokubiza iinqwelo zokufunxa ilindle ngexesha lomsebenzi ungahlawuli ngokuthe chatha. Ngokwendlela yokuqala elapha ngentla zonke izicelo ezenziwa emva kweeyure zomsebenzi zihlawulelwa i-R1 074,18 nge-6kℓ nganye okanye ngenxalenye yayo ngokufunxa.

Nayiphi na imibuzo malunga noku kungentla ingathunyelwa kwiofisi iOverstrand's Rates and Data Control kwifoni 028 313 8000 okanye nge-imeyile: enquiries@overstrand.gov.za.

Nceda uqaphele: Amaxabiso anikwe apha aza kusebenza de ibe ngowama- 30 Juni 2017 kuphela.

ISIKHOKELO ESITHE NGQO SOKUTHENGISA IPROPATHI YAKHO

LANDELA ESI SIKHOKELO SOKUFUMANA ISIQINISEKISO SOKUCINYWA KWEERHAFU NGAPHANDLE KWAMAHLANDINYUKA

Ukuthenga nokuthengisa ipropathi kuquka umsebenzi omninzi wamaphepha enye into kwezo zinto kukufumana isiqinisekiso sokuba zihlawulwe iirhafu njengoko umthengisi enganekuthengisa ngokusemthethweni engenaso eso siqinisekiso.

1. Isicelo sesiqinisekiso sokuhlawulwaw kweerhafu senziwa ligqwetha lokuthengisa iipropathi ingenguye umthengisi. Umasipala uya kusikhupha kuphela esi siqinisekiso esakufumana ifomu emiselwe oko ezalisiweyo ehamba namaxwebhu ayimfuneko evela kwigqwetha lemihlaba. Umthengisi unoxanduva lokuhlawula zonke lindleko ezinxulumene noku nokuhlawula zonke lintlawulo ezingekahlawulwa kwamasipala.
2. Isicelo sesiqinisekiso sokuhlawulwa kweerhafu kwipropathi ekungakhiwanga kuyo (inxiwa elingenasakhiwo) samkelwa ngokuba kuye kuhlolwa liSebe lezeMililo phambi kokuba igqwetha elibhalisa izindlu laziswe ngeemali ezingamatyala kuyo. Ukuba elo nxiwa linokufunyaniswa lilelingumngcipheko kwezemililo kuza kongezwa idipozithi yokukhululwa kwesiza kuloo mali sele iqokelelwe ngaphambili ngaphandle kokuba inxiwa sele likhululwe, lahlolwa kwakhona laza lafunyaniswa lingengomngcipheko kwezomlilo liSebe lezeMililo. Intlawulo yokukhulula Inxiwa li-R1 100 kongezwe neendleko zokukhululwa kwenxiwa eziza kubalwa ngokweSinikimaxabiso 1481/2014.
3. lindleko zesicelo esinziwa ngesandla sesiqinisekiso sokuhlawulwa kweerhafu sithunyelwe nge-imeyile okanye ngefekisi sidibane nesiqinisekiso sokunika Ixabiso ziba ngama-R451. lindleko zesicelo esenziwa ngeKorbitec okanye nge-L@W siba li-R144 (le yindlela etshiphu). Qinisekisa ukuba igqwetha lakho lisenza kwi-intanethi isicelo sesiqinisekiso sokuhlawulwa kweerhafu.
4. Ukuthangiswa kwayo nayiphi na ipropathi ephantsi kolawulo lweOverstrand iBhunga liza kukulibazisa ukubhaliswa kwayo ngokuthi lisibambe isiqinisekiso sokuhlawulwa kweerhafu de onke amatyala eerhafu, aweenkonzo nezinye neentlawulo eziqikelelwayo ezihlawulwa ngeli thuba zibanjiweyo isiqinisekiso zihlawulwe zonke ngokupheleleyo.
5. Isiqinisekiso sokuhlawulwa kweerhafu sisebenza iintsuku ezingama-90 kwaye imali ehlawulwayo iza kuquka imali yeenyanga ezi-4 zokuqokelelwa kwangaphambili namanye amatyala enawo le propathi.
6. Umasipala esakuyifumana ifomu ezaliswe ngokufanelekileyo uneentsuku ezilishumi (10) zomsebenzi zokudlulisa imali emele kuhlawulwa aphinde abe nezinye ezilishumi (10) zomsebenzi zokukhupha Isiqinisekiso sokuhlawulwa kweerhafu nje ukuba kufunyanwe ubungqina bokuhlawula.
7. Xa onetyala enesivumelwano nomasipala malunga netyala elo kwipropathi isiqinisekiso esimiselweyo njengoko kukhankanyiwe kwiSolotya 118 loMthetho weeNkqubo asiyi kukhutshwa de lonke ityala lihlawulwe.
8. Abathengisi bayakhunjuzwa ukuba iifomu zokuqhawula amanzi nombane mazizaliswe ngokufanelekileyo ukwenzela ukuba ezi nkonzo zidluliselwe kumnini omtsha (umthengi). Ngokunjalo abathengi beepropathi ezinee-metre zamanzi nezombane mabazalise iifomu zokubuyisela umbane namanzi. Ezi fomu ziyafumaneka kwi-webhusayithi yethu: www.overstrand.gov.za. Cofa ku-Documents, uye ku-Forms wandule uye ku-Revenue Application Forms.
9. Ukuba unombuzo unganxibelelana nomasipala ku-028 313 8000 ucel ukuthetha neofisi ye-Rates and Data Control. Kungenjalo ungathumela ifekisi ku-028 312 1894 okanye uthumele i-imeyile ku-enquiries@overstrand.gov.za.

Amaxabiso anikwe apha asebenza de kube ngowama-30/6/2017

YILUMKELE I-POLYSTYRENE ngenxa yempilo yakho neyehlabathi

Ipolystyrene eyaziwa ngegama layo lokuba yiStyrofoam ikhaphukhaphu yenziwe ngento enama-95% omoya neplastikhi esi-5% kwaye isetyenziswa ukugquma uphahla lwendlu nakwizikhitshane nokubopha iikhompuyutha, iiTV, nezinye izixhobo zombane. Ukusetyenziswa kwayo kuxhaphake kwishishini lokutya, kwitreyi zenyama, ezemifuno nezeziqhamo. Istyrofoam ikwasetyenziswa kwizinto zokuphatha ukutya xa ugoduka usuka kwivenkile yokutya nakwizinto eziphungwayo.

Yimveliso esekelwe kwi-petroliyam enesiseko esifana neoyile, ipetroliyam okanye irhasi, kwaye kunzima ukuphinda uyisebenzise. Istyrofoam ineekhemikhali ezingayingozi kwabo bathatha inxaxheba ekuyiveliseni nakwabo batya ukutya okushushu okukwizityа zokuhamba nokutya. Ukufudumeza ukutya kwi-microwave kuyenza ibe yingozi ngokongezelelekileyo. Kwiqondo lobushushu obuzididigrizi ezili-100 buyenza inyibilikele ekutyeni i-foam ikhuphe ivumba i-styrene eliyithyefu. Ezi khemikhali zichaphazelekile kumhlaza, kwizigulo zesisu, ukungakwazi ukuzinza engqondweni nakwiingxaki zokuphefumla. Ukulungiselela ukhuseleko kucetyiswa ukuba ukutya makukhutshelwe kwisitya seglasi xa uza kufudumeza ukutya.

Zizixeko ezikhulu kuphela ezinazo iindlela zokwenza istyrofoam iphinde isebenziseke; ngako oko kwiindawo ezininzi eMzantsi Afrika eziquka iHermanus ngenxa yobukhulu bayo ithatha indawo enkulu kwiindawo zokulahla inkunkuma. Nasemva kokulungiselelwa ukuba isebenze kwakhona asikukuba ingaguqulwa ibe zizinto zokukha ezongezelelweyo. Njengako konke ukulungiselelwa ukusetyenziswa kwakhona iguqulwa ibe ziitreyi zasenkanti okanye ibe lungqameko lweefoto. Ngenxa yokuba ikhaphukhaphu iphephetheka njengenkunkuma ingene emilanjeni naselwandle. Istyrofoam imbi ngokuqhekeka ibe zizicwibi ezincinci ezithi zixabe emqaleni kwiintaka nezilwanyana ezizityа zicinga ukuba kukutya. Ezi zilwanyana zidla ngokufa kuba iplastikhi iyaxinga ingetyiseki.

Ngonyaka eUSA, kusetyenziswa izigididigidi ezingama-25 zeemagi zeStyroforam nto leyo embi kakhulu. Izixeko ezininzi namazwe apha ehlabathini akuvalile ukusetyenziswa kweStyrofoam - mhlawumbi nathi kufuneka sicinge ngokwenza oku. Akungengakuba akukho ezinye iindlela.

ONOKUKWENZA

- xa kunokwenzeka thenga iziqhamo nemifuno engabotshwanga / engafakwanga plastikhini.
- Ukuba uyayityа inyama khangela izilarha ezisebenzisa ikhadibhodi okanye ezinye izinto ezifana nayo.
- Qinisekisa ukuba inyama yakho ifakwe kwikhadibhodi okanye kwinto onokuphinda uyisebenzise.
- Musa ukuthanga ikofu ekwiStyrofoam; khangela iimagi ze-ceramic, eze-eco, okanye ziphathele eyakho imagi.

LONDOLOZA IPHEPHA, SINDISA UMTHI, impilo yakho neyehlabathi, BY NGOKUNGENA KWI-INTANETHI

Ngokusebenzisa i-Rates Clearance.com system iCandelo leeRhafu likaMasipala waseOverstrand lifumene esinye isiQinisekiso seMpumelelo ngegalelo lalo kulondolozo lokusingqongileyo nangokufikelela kummiselo wekota ye-'Grow Your Tree'.

Qho kukhutshwa ngekhompuyutha isiqinisekiso sokuhlawulwa kweerhafu zikamasipala umasipala ukhusela malunga nomthi omnye ngesiqinisekiso esikhutshiweyo kwizicelo ezili-600 ezigqityiweyo.

Intlawulo ngesicelo esenziwa ngesandla sokuhlawulwa kweerhafu nesokunika ixabiso esenziwa ngeimeyile okanye ngefekisi ngama-R451. Intlawulo ngesicelo esifana nesi esenziwa ngeKorbitec okanye L@W li-R144 (ngako oko sitshiphu kunesenziwa ngesandla).

Kowama-2016 azikho ngaphantsi kwama-3 000 izicelo zeziqinisekiso zokuhlawulwa kweerhafu ezikhutshwe ngekhompuyutha nto leyo eyenze ukuba uKorbitec unike umasipala imithi iEureka lemon emihlanu ayinike abahlali baseZwelihle uFrans Manyani (White City) noAyanda Ngonyama (Thambo Square). Eminye imithi Iza kutyalwa eMshenxiswa Village.

Umasipala uyakuxhasa ukutyalwa kwemithi emizini elokishini kuba akukho mhlaba waneleyo apha ecaleni kwezitrato kwiindawo zamatyotyombe. Kodwa ke yimithi ekhutshwe ngumasipala kuphela enokusetyenziswa ngale ndlela - ngaphandle kokuba umninimzi uza kuyijonga ngokupheleleyo imithi leyo.

Umasipala akanagunya kwimithi etyalwe kumhlaba wabucala kodwa uyakholelwa ukuba ukutyalwa kwemithi makukhuthazwe ngokuba kubekho iinkqubo ezingatshintshiyo zokutyala zixhaswe luluntu.

Ngako oko uMasipala waseOverstrand uyazamkela izicelo zabahlali abafuna ukutyala imithi kwimihlaba yabo kodwa kuxhomekeke ekubeni bayazibophelela ekubeni baza kuyinkcenkceshela de ibe midala.

"Injongo ephambili yokuhombisa amatyotyombe kukuguqula le meko yawo yothuli ibe yeluhlaza kwaye ibe ntle. Ngokufutshane kukudala indawo yokuhlala yabantu ehlalekayo."

Izitompi zeesigarethi - COCA I-OVERSTRAND Mayimke inkunkuma!

Izitompi zesigarethi ziya ziba ngowona mcimbi mkhulu wenkunkuma. Le ngxaki inyuke kakhulu kule minyaka idlulileyo ngenxa yokuba, esinye sazo, umthetho karhulumente awukuvumeli ukutshaya kwizakhiwo zikawonke wonke nakwiirestoranti. Oku kunyanzela abatshayi ukuba batshayele phandle batsho bazilahle izitompi.

Izitompi zesigarethi zikhangeleka zizincinci kodwa xa kuqikelelwa ukuba zimalunga nezigidi ezingama-28,5 ezilahlwa ngonyaka kwindawo yokushishina yaseHermanus yodwa (indawo emalunga ne-0,25 km²), iikhemikhali ezibulalayo ziyongezeka.

"Sisafumana inkunkuma eninzi engena elwandle ingakumbi iziciko zeebhotile, iimfunxa nezitompi zeesigarethi. Abantu badla ngokucinga ukuba ezi zinto zizicwibi ezincinci zenkunkuma ezingayi kwenza mahluko, ingakumbi xa ziphoswe emibhobheni yamanzi amdaka," utshilo uAnina Lee we-Whale Coast Conservation (WCW).

"Idabi lenkunkuma aliphelelelli nje kumaphulo okucoca koko ngokufundisa abantu ukuba bazi ukuba yintoni le bayilahlayo nendawo oko abakwenza kuyo," woleke watsho.

Ngaphaya komngcipheko ocacileyo wemililo yamathafa izitompi zeesigarethi ezilahliweyo zidala uxinzelelo kwimixelo yethu yamanzi nakwindalo yaselwandle. Inkolo exhaphakileyo yeyokuba izitompi zeesigarethi zenza umgquba kodwa akunjalo. Iplastikhi ekwisitompu ingathatha Iminyaka eli-10 phambi kokuba ibole. Kukho neekhemikhali kwizitompi zeesigarethi. Ezi khemikhali ziyingozi kwindalo eselwandle.

Ngako oko ndingenza ntoni?

Ngalo lonke ixesha zilahle ngendlela enenkathalo izitompi zeesigarethi. Abantu abatshayayo, umzekelo, kufuneka bohlukane nokulahla izitompi ngeefestile zeemoto okanye bazilahle engceni xa besebenzisa iindawo zikawonke-wonke ezifana neenkampu, ulwandle neendawo zokoja inyama.

Ungaphatha isityana sokufaka izitompi (ungasithenga) okanye ungasebenzisa ibhotile engenanto okanye enamanzi.

Amashishini neminye imibutho efuna isisombululo saphakade sengxaki yezitompi zeesigarethi inganxibelelana no-Whale Coast Conservation ifune omnye wemigqomo elungiselelwe ukulahla izitompi. Le migqomo iveliswa kwalapha ngako oko ibonelela ngemisebenzi. Unganikezela ngomgqomo oxabiso lawo lingama-R450. Xa ufuna ingcaciso eyongezelelweyo nxibelelana noAnina Lee ku-028 316 2527 okanye nge-Imeyile anina.wcc@gmail.com.

• Nasiphi na isiganeko sokulahlwa kwenknkuma ngokungekho mthethweni singaxelwa kwiOverstrand's control room ku-028 313 8000/8111. izikhalazo zamihla le zolwaphulomthetho mazaziswe ngokufonela ku-028 313 8980.

Emva kwemini ngeCawe, 21 Meyi 2017, iOVERSTRAND ARTS/KUNSTE (OAK) iza kuba nekhonsathi yepiyano eza kudlalwa yinjingalwazi eselula eliTaliyane. UGiovanni Nesi waziwa njengeyona mvumi Iphambili yexesha layo, ufumene iimbasa eziliqela kwaye udlale kwiindawo ezininzi eYurophu jikelele. Uza kudlala i-sonatas zikaBeethoven noSchubert.

Giovanni Nesi

Le khonsathi iza kuqhubekela eCivic Auditorium eHermanus kwaye iza kuqala ngeye-15:30.

*Fonela uBELLINI **ku-028 312 4988** ubhukishe. Itikiti li-R130 nama-R60 kubafundi. Ukufumana iinkcukacha ezizezinye fonela uRené du Plooy **ku-082 940 4238**.*

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

2017
Iimbasa zikaSodolophu
Isimemo sokutyumba

Inqanaba 1: Ukubalasela kwabathathinxaxheba
Inqanaba 2: Owasethyini wonyaka
Inqanaba 3: Ulondolozo lokusingqongileyo
Inqanaba 4: Ukuba ngusomashishini
Inqanaba 5: Obalaseleyo kwabatsha
Inqanaba 6: Uphuhliso lwezokhenketho nokuthengisa
Inqanaba 7: Amagosa onyaka aseOverstrand
• Kummba wonikezelo ngeenkonzo
• Uncedo lwabantu
• Ukwenza izinto ezintsha ezingaqhelekanga

Zalisa iifomu zokutyumba ezikwiofisi kaSodolophu ufake iSIVI emfutshane yomtyunjwa neleta ecacisa ngokupheleleyo ebhalwe ngulowo utyumbayo.

Zonke iifomu zokutyumba mazithunyelwe kuDoret Taljaard ku- dtaljaard@overstrand.gov.za okanye zifakwe ngesandla kwiOfisi kaSodolophu ngomhla wama-30 Juni 2017 & kwaye imibuzo ingajoliswa kuSamantha Carelse ku-pro@overstrand.gov.za okanye iFoni: 028 3138193.

Umsitho weembasa zikaSodolophu uya kuba ngomhla wama-21 Septemba 2017